# iSebe Lezolimo eNtshona Koloni

iFACT SHEET

# UKUCIMA KOGESI KU MAFAMA NA BASEBENZI KWEZOLIMO




**NGOOBANI ABANTU ABASEBENZISA IINKONZO ZEGUMBI LOVAVANYO LWAMACHIZA KUNYANGO LWEMFUYO (PVL) ENTSHONA KOLONI (WC)?**

Nangona ezona nkonzo zinikelwa liGumbi Lovavanyo Lwamachiza kuNyango Lwemfuyo, iPhondo leNtshona Koloni ligxile kunikelo ngeenkonzo zovavanyo kwizigulo zemfuyo, uvavanyo lwamachiza, uvavanyo lwentsholongwane ebangela ukupbhunza, linceda abantu amafama aphuma kwiinkalo zonke zoMzantsi Afrika ngeenkonzo. Ubuncikane ngama 55% eemvavanyo ezenziwa ligumbi leemvavanypo zamachiza ngonyaka nezenzelwa amafama angaphandle kwemida yeNtshona Koloni.

**ZINGAPHI IIMVAVANYO EZENZIWA LIGUMBI LOVAVANYO LWAMACHIZA KUNYANGO LWEMFUYO (PVL) ENTSHONA KOLONI (WC), UMMINGE NGENYANGA?**

Nangona umsebenzi wonikelo lwezi nkonzo udla ngokufunwa kakhulu kwixela elithile lomnyaka, igumbi lovavanyo machiza lenza iimvavanyo ezikumminge wama 26 000 ngenyanga.




**ZEZIPHI IINTLOBO ZEEMVAVANYO EZENZIWA LIGUMBI LOVAVANYO LWAMACHIZA KUNYANGO LWEMFUYO (PVL)?**

Ngokwangoku, uNyango Lwemfuyo kwiPhondo leNtshona Koloni lihlinzeka ngeentlobo ezingama 41 eenkonzo ezohlukileyo zovavanyo kwisixhenze sezakhono ezahlukileyo, nezizezi, "bacteriology, histopathology, molecular biology (PCR), parasitology, serology, Veterinary Public Health microbiology and virology". Kananjalo, eli gumbi leemvavanyo zamachiza linalo negunjana lokuqhaqhwa kwemizimba efileyo nalapho oogqirha bonyango

lwemfuyo bekhangela isizeka-bani sokufa kwimfuyo ethe yafa. Ngaphezu koko, iimfuno ezifuneka phambi kokwenziwa kweemvavanyo zifumana uncedo kumanye amacandelo ohlukeneyo okwenziwa kweemvavanyo zamachiza.

Iimvavanyo ezenziwayo ziquka ukuhlolwa kwamaqanda akwilindle ukuze kwazeke ubungakanani besidleleleli sangaphakathi/ iintshulube kwelinye uhlobo lwemfuyo efuyiweyo, ukuchweywa kolwazi ngeentsholongwane, xa kuvavanywa kuvavanyo lwezifo kwimfuyo ephantsi kolawulo nezinje ngesifo esibangela ukuphunza "Bovine Brucellosis" kwiinkomo nee nyathi, "Avian Influenza, African Horse Sickness, Dourine", njl njl.

Njenge gumbi lovavanyo-machiza elivunywe ngokwemigangatho ye ISO okwakaloku nje, igumbi lokuxilongwa kwezidumbu kuNyango Lwemfuyo kwiPhondo linamaziko anagma 23 avunyiweyo nangowokwenziwa kweemvavanyo nequka zonke iintlobo zemisebenzi ekhankanywe ngentla. Oku kwenza ukuba eli gumbi loqhaqho libe lelona gumbi lokuhlinzwa kwezidumbu zemfuyo ngurhulumente nelinoninzi lweemvavanyo ezivunyiweyo nelilelesithathu ngobukhulu kuwo onke amagumbi oqhaqho kuMzantsi Afrika.

Ukwenziwa kwesicwangciso kumnyaka-mali yowama 2024/2025 kuquka nokumiselwa kwesakhono sokuvavanywa kwentsalela ye "biochemistry" namachiza.

Ukuze ufumane uluhlu olupheleleyo lweemvavanyo esele zenziwe, kuquka neesampulu emazithunyelwe kwakunye namaxabiso ovavanyo, namaxabiso eemvavanyo, ungangena kwi webhusaythi yethu ze ubone Umgaqo Wokufakwa Kwamasuntswana Azakuhlolwa. https://www.elsenburg.com/veterinary-services/veterinary-laboratory-services/

**KUFUNEKA IISAMPULU ZIFIKELELE NJANI KWI (PVL)?**

Kuqhelekile ukuba isampulu esanda kufika inike iziphumo ezintle kakhulu. Ngoko ke, abantu bayacetyiswa ukuba bazithumele kwamsinyane iisampulu eziya kwigumbi loqhaqho nge "courier" kwamsinyane emva kokuba bezifumene.

Qinisekisa ukuba iisampulu zivalwe vingci kwisingxotyana esithembakeleyo ukuze kuthinteleke ukuvuza kunye/ nokophuka. Kucetyiswa into yokuba iisampulu zihlale zigcinwe zikwimeko epholileyo nezakuncea xa uzifake kwisingxobo esiqulathe umkhenkce ngaphakathi kweesampuli.

Kufuneka zonke iisampulu zikhatshwe yifomu yokwenza isicelo nezakuthunyelwa kunye nayo. Kwugumbi loqhaqho, kukho iintlobo ezahlukeneyo zeefomu zokwenziwa kwesicelo, kuxhomekeke kuhlobo lovavanyo olucelileyo. KwiWebhusaythi yethu , ziyafumaneka iikopi zeefomu yaye sisengakuthumela nange imeyle xa ufuna njalo.

Ngolwazi oluneenkcukacha ezongezelekileyo ngohlobo lwesampulu oyithumelayo xa ufuna uvavanyo oluthile kwakunye nohlobo lwesithuthi oma usisebenzise, ungangena kwi webhusaythi yethu ze ubone Umgaqo Wokufakwa Kwamasuntswana Azakuhlolwa. https://www.elsenburg.com/veterinary-services/veterinary-laboratory-services/

**UNGAQHAKAMSHELANA NABANI NA XA UFUNA IINKONZO ZE (PVL)?**

Ngemibuzo xa usebenzisa umnxeba, kuhle ukuba uqhakamshelane igosa lokudluliswa kweminxeba ngaphakathi kwalapha kwigumbi loqhaqho nelizakuthi likuthumele kwelona candela lovavanyo olukufaneleyo yaye/okanye umntu onokukunceda.

Sebenzisa le nombolo yomnxeba ithi: 021 808 7510.

Imibuzo nge imeyle ingathunyelwa ku Mnu. Francois Dreyer kwa: francois.dreyer@westerncape.gov.za

# UKUCIMA KOGESI KU MAFAMA NA BASEBENZI KWEZOLIMO

## IINKONZO ZONYANGO LWEMFUYO

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e George**
044-803-3771/0
Nks Shirelle Strydom (Unobhalana)

Gqr Leana Janse van Rensburg
0837970010

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e Boland**
021-808-5028/5253
Nks Renee Jack (Unobhalana)

Gqr Vivien Malan
0822289076

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e Swellendam**
021-808-5059/028-425-4850
Mnu Bidwell Gelwana (Unobhalana)

Gqr Christi Kloppers
0836415163

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e Beaufort West**
023-414-9220/1
Nks Chriszelda Mtwalo (Unobhalana)

Mnu Anton Barnard (Ibambela)
082 805 9757

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e Vredendal**
027-201-3514/0
Nks Deidre Daniels (Unobhalana)

Gqr Chanel Lombard
027 201 3510

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e Malmesbury**
022 482 1380
Nks Samantha Burger (Unobhalana)

Gqr Michael Swart
083 469 2404

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e Oudtshoorn**
044-203-9443/5
Nka Jeoninse Noni (Unobhalana)

Gqr Cathy Fox
082 699 6043

**uGqirha kaRhulumente kuNyango Lwemfuyo: e Worcester**
021-808-5052
Mnu Daniel Ryan (Unobhalana)

Gqr Ansulize Pepler
060 962 0118



**Ihlaziywe: ngo EPRELI 2024**